

Inombolo yefayili: 23/2/12/1/3/ ICT SKILLS FOR TEACHERS
Isalathiso: 20230915-8111

Ingcaciso eMfutshane ye-Cape Teaching and Leadership Institute: 0005/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kuBaphathi be-Cel Service, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente, kwiiNtloko zamaziko eBakala R abhalisiweyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente

Isihloko: Isimemo: Uqeqesho lwabasebenzi bezolawulo nootitshala beSebe i-WCED

1. Ngentsebenziswano neSebe leMfundo leNtshona Koloni, (iSebe i-WCED), iYunithi i-Information and Communication Technology (ICT) Training Unit (Centre for e-Innovation), iququzelela iikhosi zoqeqesho kwitheknoloji (*digital training courses*) oluqhutywa ngekhompyutha ukwenzela abasebenzi bezolawulo nootitshala beSebe i-WCED kweli phondo ngokubanzi. Kucelwa nifunde iSetyhula 0050/2016, yomhla we-26 Novemba 2016.
2. Injongo yezi khosi kukuncedisa abasebenzi bezolawulo lwesikolo nootitshala ukuba bafumane izakhono ze-ICT eziyimfuneko ukwenzela ukuba bathathe inxaxheba kwiikhosi ii-advanced ICT courses, ezifuna umgangatho ophezulu wobuchule kwi-ICT.
3. Ezi khosi zilithuba **loqeqesho ngekhompyutha ngokupheleleyo (100% online training opportunity)**
- 3.1 Uqeqesho ngekhompyutha lubanika ootitshala abathatha inxaxheba ithuba lokuphucula izakhono eziya kubanceda ukuba bafikelele kwiinjongo zabo buqu nezo zobuchule bomsebenzi abawuqeqeshelweyo. Ezinye zeenzuzo ezininzi ezibalulekileyo ze-eLearning ziquka:
 - ukuphucula ukubanako kwabo ukugcina ulwazi;
 - ukulungelana lula neeshedyuli zabo ezixakekileyo; kunye
 - namava okufunda alungelelana nolwazi abanalo.

4. **Ukufaneleka kwikhosi**

- 4.1 Abasebenzi bezolawulo bezikolo zeSebe i-WCED nootitshala (kubandakanywa nabakwizithuba zebhunga lolawulo):
- abafuna ukufumana izakhono ezisisiseko ze-ICT
 - abafuna ukuphuhlisa izakhono ze-ICT eziphakathi ukuya kwezikumgangatho ophezulu
 - abaya kukuthatha ukhlanganiswa kwe-ICT kwikharithulam bakuse kwiinqanaba elilandelayo.

5. **Iinkcukacha zekhosi**

- 5.1 Kucelwa nifunde **isiHlomelo A** ukufumana iinkcukacha zekhontenti yekhosi, ukwenzela ubhaliso nenkqubo yokwenza isicelo.
- 5.2 Ikhosi iya kuqhuba ukususela ngowe-02 Oktobha 2023 ukuya kowe-22 Matshi 2024 (Makufundwe ishedyuli).
- 5.3 Le khosi ijolise kwabo bafuna ukufumana izakhono ze-ICT zabasaqalayo ukuya kwezezakhono ezikumgangatho ophezulu.
- 5.4 Kukhunjuzwa ukuba uqeqesho luya kuqhutywa **NGEKHOMPYUTHA** kuphela yaye **AKUYI kubakho ziseshoni zeendibano abantu bekhona ubuqu.**

6. **Ukubhalisela ukubakho kwikhosi**

- 6.1 Abenzi-sicelo abaphumeleleyo baya kwaziswa nge-imeyili ngoko ke idilesi ye-imeyili echanekileyo ibaluleke gqitha.
- 6.2 Abathathi-nxaxheba baya kuthwala uxanduva lokuhlawula iindleko ukuba abazifezekisi iimbopheleleko zabo zokugqiba uqeqesho oluqhutywa kwikhompyutha oluxhaswa ngezimali. Indlela abaqhuba ngayo nokubakho kwabathathi-nxaxheba kuqeqesho oluqhutywa ngekhompyutha iya kubekwa esweni. Kucelwa nifunde kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso lwaBasebenzi lwaNgaphakathi 0009/2008, yomhla we-15 Oktobha 2008, ngokumalunga nokurhoxa kumaphulo oqeqesho longenelelo ngoncedo.
7. Izicelo zokufumana uncedo olungaphezulu okanye imibuzo inokubhekiswa apha: info.icttraining@westerncape.gov.za.

8. Ziyacelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-10-09